**VAKALISA ULUVO LWAKHO**

**IINTETHO NOMANYELO-ZIMVO ZOLUNTU NGOMTHETHO OSAYILWAYO WOLUNGISO WENKONZO KARHULUMENTE [B 13B–2023] KUNYE NOMTHETHO OSAYILWAYO WOLUNGISO WOLAWULO LWEZIPHATHAMANDLA KAKULUMENTE [B 10B–2023] (S76) (NCOP)**

IKomiti eSisigxina kwiNkulumbuso neMiba yoMgaqo-siseko yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iza kuqhuba umanyelo-zimvo zoluntu ngoMthetho oSayilwayo woLungiso weNkonzo kaRhulumente [B 13B–2023] kunye noMthetho oSayilwayo woLungiso woLawulo lweziPhathamandla kaRhulumente [B 10B–2023] (S76) (NCOP) njengenxalenye yamaxanduva omgaqo-siseko wayo.

Injongo yoMthetho oSayilwayo woLungiso weNkonzo yoLuntu [B 13B–2023] kukulungisa uMthetho weNkonzo yoLuntu, 1994, ukuba ubonelele ukusiwa kwamagunya ezolawulo ukuwasusa kwabasemagunyeni bezigqeba ukuwasa kwiintloko zamasebe; ukuyondelelanisa indima kaMlawuli Jikelele kuBongameli ukuxhasa uMongameli; ukubonelela ngendlela yokuhoyana yokufumana kwakhona iintlawulo ezingaphaya kokuqonda zemivuzo neenzuzo; ukucacisa indima yeKhomishoni yeNkonzo kaRhulumente ngokumayela nezikhalazo; ukucacisa indima kaMongameli neNkulumbuso ngokunxulumene nolonyulo kunye neziganeko zamakhondo zeentloko zamasebe; kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Injongo yoMthetho oSayilwayo woLungiso woLawulo lweziPhathamandla kaRhulumente [B 10B–2023] (S76) (NCOP) kukubonelela ngokhutshelo kunye nothunyelo lwabasebenzi kwimisebenzi abangaqhelanga kuyenza; ukubonelela ngengcaciso mayela nothintelo lwabaqeshwa ekubeni baqhube ushishino kunye namanqwanqwa ombuso; ukubonelela iSikolo sikaZwelonke sikaRhulumente (National School of Government) ukuba sithatyathwe njengesebe likazwelonke; ukubonelela ngokusiphulwa kokungalingani kwezengqesho kulo lonke ulawulo lwakwarhulumente; ukubonelela ngomiselo lweemeko zenkonzo ezinemiphumela yezimali; ukulungisa iShedyuli ukuze kuqaliswe izilungiso ezothile zesiphumo soku; kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Abantu nemibutho enomdla iyamenywa ukuba ingenise **iintetho ezibhaliweyo okanye ezomlomo** (emaziquke iinkcukacha zakho wena usisiqu (igama elipheleleyo), umasipala, idilesi ye-imeyile kunye/okanye inombolo yoqhagamshelwano) kwiKomiti. Nceda ungenise iintetho kwiGosa leeNkqubo, uNksz Waseemah Kamish-Achmat, mhlawumbi nge-imeyile (wachmat@wcpp.gov.za) okanye ngoWhatsApp njengenqaku lelizwi kule nombolo yomnxeba 083 462 4803. Iintetho mazifike kwiKomiti ingadlulanga eye16:00 ngoLwesine, 24 Epreli 2025.

**Umanyelo-zimvo zoluntu lobuxhakaxhaka bale mihla luza kuqhuba ngoLwesihlanu, 25 Epreli 2025** ngolu hlobo:

| **Ebubhastile**<br>ITsheyimba (umgangatho wesithandathu), 7 Wale Sitalato, EKapa, kunye neMS Teams<br>08:30–10:30 | **Eyobuxhakaxhaka bale mihla**<br>MS Teams<br>11:00–13:00 | **Eyobuxhakaxhaka bale mihla**<br>MS Teams<br>14:00–16:00 |
|---|---|---|

Ukuthabatha inxaxheba kumanyelo-zimvo zoluntu lobuxhakaxhaka bale mihla, nceda cela ikhonkco lentlanganiso kwiGosa leeNkqubo. Ukuba unqwenela ukufikelela kwi-intanethi,

nceda ndwendwela ithala leencwadi lommandla okuwo okanye iZiko loFikelelo laseKapa (Cape Access Centre) ukuthabatha inxaxheba ngobuxhakaxhaka bekhompyutha.

Iikopi zemithetho esayilwayo ziyafumaneka xa ziceliwe kwaye ubume bobuxhakaxhaka bekhompyutha bemithetho esayilwayo buyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (www.wcpp.gov.za).

**Sikhutshwe nguNksz B van Minnen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kwiNkulumbuso neMiba yoMgaqo-siseko, iPalamente yePhondo leNtshona Koloni.**